## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathi | (2 x 25) (50) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/ amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nemizuzu engama-100 |
| ICANDELO B: | Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40) |

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

**UMBUZO 1**

1.1 Obabulapho ubumnandi … kanti liphupha. **[50]**

1.2 Mhle ngaphakathi nangaphandle lo mntu. **[50]**

1.3 Ubuhlobo benene bufuna kuqale wena ubengumhlobo. **[50]**


1.4 Alitshoni lingaphumi. **[50]**

1.5 Ixesha ngumaph'esehlutha. **[50]**

1.6 Umlilo uyinzuzo okanye uyilahleko. **[50]**

Qwalasela uze ukhethe ubemnye kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. Nombola impendulo yakho ngolu hlobo, (1.7 okanye 1.8).

1.7



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.googlesearch.com] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2**

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Kuphume inqaku kwiphephandaba, '*Ilizwi*', ligxeka ulutsha ngokuchitha isithukuthezi ngeendlela ezingenambuyekezo. Bhala ileta eya kumhleli ucebise ulutsha ngeendlela ezincedayo zokuchitha isithukuthezi. **[25]**

2.2 **I-IMEYILE**

Iziko leFAMSA lipapashe umyalezo othi, 'Ndikhetha ukumamela ibali lakho kunokuya emngcwabeni wakho.'

Bhala i-imeyile eya kumhlobo wakho odinga uncedo, umkhuthaze ukuba andwendwele iziko leFAMSA. **[25]**

2.3 **IRIVYU**

Bhala irivyu yenkqubo yolutsha obuyimamele kunomathotholo. **[25]**

2.4 **INTETHO**

Bhala intetho oza kuyenza kwintlanganiso yabazali njengommeli wabafundi, uphalaza iimbono zabafundi malunga nemithetho elawula imbonakalo yeenwele esikolweni sakho. **[25]**

2.5 **I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Ungunobhala wekomiti yabahlali, bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso ehlalele ukuhlangabezana neengxaki ezidalwa kukubakufutshane nezikolo kweendawo ezithengisa utywala. **[25]**

2.6 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kukaSivile omele imbono yokuba abantu mabayekwe bazixhome izinto ezingobomi babo kumaqonga onxibelelwano kunye noAsanda omele ukuba bangazixhomi. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**